

# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.


## Ingxoxo


- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.

Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.





Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.

Kudala-dala amaqwarhashe ayemhlophe qhwa ngebala.



Ngaminazana ithile UMnumzana noNkosikazi Qwarhashe bamenyelwa ethekweni. Babefuna ukuba bahle ngolona hlobo, baze bazipeyinta ngemibala eqaqambileyo.



Bathi bakujongana abaneliseka yindlela abakhangeleka ngayo. UNkosikazi Qwarhashe wavakala esithi, "Asibahlanga mpela!" UMnumzana Qwarhashe wavumelana naye wathi kunjalo.

UNkosikazi Qwarhashe wagqiba kwelokuba aziqabe isifuba ngepeyinti emnyama, waze uMnumzana Qwarhashe yena waziqaba imilenze yangasemva kwangepeyinti emnyama.



Bathe bakuzijonga kwakhona abayithanda indlela abakhangeleka ngayo, baze bayihlamba loo peyinti.

Bagqiba kwelokuba benze imigca emnyama ngepeyinti umzimba wonke.

Bathi bakugqiba ukuziqaba imigca bajongana kwakhona. Kweli tyeli bayithanda indlela abakhangeleka ngayo. "Heke, sibahle ngoku," batsho bencumile.

Bahamba baya ethekweni bechwayitile kwaye bezithembile.



Bathi bakufika ethekweni ezinye izilwanyana zamangaliswa bubuhle babo.

"Anisebahle!" yatsho indlovu.

"Anisehombe!" yatsho imvubu.

"Nifanelekile," watsho umkhombe.

"Enkosi kakhulu," babulela uMnumzana noNkosikazi Qwarhashe. "Nathi siyayithanda le migca yethu."



Zonke izilwanyana ezazikwelo theko zayibuka imigca yabo.

UNkosikazi Ndlulamthi wamxelela uNkosikazi Qwarhashe ukuba iyabafanela imigca yabo.

NoKumkani uNgonyama wabancoma indlela abakhangeleka bahle ngayo.



UKumkani uNgonyama wacebisa ukuba onke amaqwarhashe aziqabe imigca emnyama ngepeyinti. Kuba uNgonyama eyikumkani, amaqwarhashe amthobela.



Emva kweentsuku ezimbalwa amaqwarhashe aya emlanjeni eyokuhlamba loo migca. Kodwa isimanga yala ipeyinti ukusuka.

Kwenzeka ntoni bethu? Ilanga layitshisa loo migca yepeyinti yaza yatshela emizimbeni yawo.

Ukusukela loo mini amaqwarhashe awazange akwazi ukuyisusa imigca yayo.

Yiyo loo nto onke amaqwarhashe enemigca emnyama.



# Amaqwarhana alithoba



**Masicule!**




Nikhe nawabona na
Amaqwarh' amahle
Linye, mabini, Amaqwarh' amahle,
Mathathu, mane, Amaqwarh' amahle,
Mahlanu, thandathu, Amaqwarh' amahle,
Sixhenxe, sibhozo, Amaqwarh' amahle
Lithoba aphelele, Amaqwarh' amahle.

Nikhe nawabona na
Amaqwarh' amahle,
Lithoba, sibhozo,
Amaqwarh' amahle,
Sixhenxe, thandathu,
Amaqwarh' amahle,
Mahlanu, mane,
Amaqwarh' amahle,
Mathathu, mabini,
Amaqwarh' amahle,
Linye jwi kuphela
Iqwarhana elihle.

**Inqaku likatitshala:**
Mayiculwe ngala tshanti yaMadad' amahle.



- Iqwarhashe ngalinye linepatheni eyodwa yemigca emnyama nemhlophe.
- Amaqwarhashe anemisila emide (50cm).
- Amaqwarhashe alala emile.
- Amaqwarhashe atya ingca.



Indawo yokunqumla endleleni yetha eqatywe mhlophe yabahamba ngeenyawo kuthiwa yi*Zebra crossing* ngesiNgesi ngenxa yemigca emhlophe namnyama efana neyeqwarhashe.





Amaqwarhashe ayazalana namahashe needonki.

# Imisebenzi yokufunda yamaqela



1 Fundela umhlobo wakho ezi zivakalisi. Zifunde kwakhona ngokulandelelana kwazo kakuhle.

a. Onke amaqwarhashe aziqaba imigca emizimbeni yawo.

b. UKumkani uNgonyama wabancoma ukuba bahle.

c. UMnumzana noNkosikazi Qwarhashe baqala ngokuzipeyinta ngemibala eyahlukeneyo baza bazipeyinta yatshela imigca emnyama emva koko.

d. Ilanga layitshisa imigca emizimbeni yabo baza abakwazi ukuyisusa kamva.

e. UMnumzana noNkosikazi Qwarhashe babefuna ukuba bahle xa besiya kwitheko ababemenywe kulo.

f. Zonke izilwanyana zayithanda imigca yabo.


g. Yiyo loo nto amaqwarhashe enemigca emnyama.

2 Yenzani umdlalo nilinganise ibali.

3 Funda imibuzo uze uxelele umhlobo wakho iimpendulo.

a. Sithini isihloko sebali?
b. Ngoobani abalinganiswa abaphambili ebalini?
c. Benza ntoni ukuze bazitshintshe?
d. Zacinga ntoni ezinye izilwanyana ngolu tshintsho?
e. Ingaba ulithandile eli bali?
   Nika isizathu sempendulo yakho.






4 Khuphela le theyibhile encwadini yakho uze uyigqibezele.

a. Khangela ebalini amagama anezi zandi uze uwabhale.

| | | |
|---|---|---|
| oo | ndl | -ana |
| qw | tsh | mv |

b. Khangela ebalini amagama ama-2 anentsingiselo efanayo neyegama elithi **lihle**.

c. Khangela ebalini izivakalisi ezinezi ziphumlisi: ikoma, isingxi nophawu lwesikhuzo.



5 Bhala ibali kwakhona ngawakho amazwi.
Bhala umhlathi omnye onezivakalisi ezi-5.

# IBANGA 2 ULWIMI LWEENKOBE

Inqanaba: 1

## Incwadi 3

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Incwadi yam yokuqala |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yebanga lesi-2 Inqanaba 1 Incwadi 3 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | bona, ngokwabo, ngamnye. jonga, khangela, zonke, zabo, yintoni, ukuhomba, susa, zange |
| Isigama: | iqwarhashe, ekhanyayo, khazimla, imvubu, umkhombe, indlulamthi, indlovu, intle, lihle, umangalisiwe, ukufaneleka, ethekweni, bamenyelwa, imigca |
| Izandi: | qw, gc, nc, ndl, hl, kh, oo, y, tsh, mv, ntl |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Dwelisa iziganeko ngokokulandelelana kwazo.<br>▪ Yenzani umdlalo nilinganise ibali.<br>▪ Buza imibuzo emalunga nebali uze uphendule.<br>▪ Khangela ebalini amagama anezi zandi: qw, oo.<br>▪ Funa amagama anentsingiselo efanayo, izifanokuthi.<br>▪ Khuphela izivakalisi ezinezi ziphumlisi zilandelayo: ikhoma, isingxi nophawu lombuzo.<br>▪ Bhala ibali kwakhona usebenzise awakho amagama. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zebanga lesi-2 zoLwimi Lweenkobe:

### Inqanaba: 1

- USisi unomhlobo omtsha
- Kunzima ukuba yinja
- Mhla iqwarhashe lanemigca
- UNdlulamthi uyakuthanda ukufunda

### Inqanaba: 2

- UBubu ulahlekile
- Benza njalo abahlobo
- Intshontsho ledada elibi

### Inqanaba: 3

- Ibhayisekile entsha kaBheki
- Izilwanyana ziya elwandle
- Tshotsh' ubekho Mnenga

ISBN 978-1-4315-2626-0
9 781431 526260

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2626-0

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.